basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

**XHOFA.2**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**NOVEMBA 2020**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: Iiyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha angama-31.**

# MORNING SESSION

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Phendula IMIBUZO emiBINI KUMACANDELO amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

6. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.** | | |
|---|---|---|
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol' uphandle* | 35 | 9 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 13 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.** | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 17 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 21 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 'Umhlahlo ngamehlo' | 18 | 25 |
| | | |
| 6.2 'Itutu laseTikitiki' | 17 | 27 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 'Konakele phi na Mzontsundu?' | 18 | 29 |
| | | |
| 7.2 'Indoda yokwenene' | 17 | 30 |

**ITSHEKHLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emibini kumacandelo amaBINI. Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.

| ICANDELO | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>(*Kusa Kusihlwa*)<br>(*Umqol' uphandle*)<br>*(UMonwabisi)* | 1–3 | 1 | |
| | | | |
| B: Idrama<br><br>(*Ndiyekeni*)<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Umhlahlo ngamehlo')<br>('Itutu laseTikitiki') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Konakele phi na Mzontsundu?')<br>('Indoda yokwenene') | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.


WESTERN CAPE

## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol' uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 **ISICATSHULWA A**

Ngelishwa ngenye imini uthe esajikeleza noMebhelina lo apha edolophini eThekwini bebuya ngaphandle, beze kulungisa enye indawana apha emotweni, suka babonwa nguNozililo obeze kuthenga naye. Andithi apho kudityanwa khona kuxa kusalindelwe le moto ukuba mayide igqitywe ukulungiswa kuze kuyiwa ngaseStanger? Uthe uLungile makhe bangene eStar hotele bafumane into etyiwayo.

Bathe xa baqalayo ukuzinza besitya, gqi uNozililo emnyango. Kubonakala ukuba ebegqitha ngesitalato koko wabelama. Uze kuzingenisa wangathi uyafunafuna nto okanye mntu uthile ngaphakathi. Kanti ke koko afuna ukuqinisekisa ukuba akaphazami na. Bona abakhange bamqaphele kuba abantu babephithizela, kodwa uthe xa asithelayo wabonwa nguLungile, ayabinamsebenzi loo nto.

UNozililo umke ezicingela ezigqibela izizathu zokuba le ndoda ihlale nale nzwakazi kule hotele. Ube ngathi akafiki elokishini ezihlotyeni zakhe apho ayithe di injengoko injalo eyifakela nezangotshe zokuba uLungile ude wayincama nevenkile kuba efuna ukuphapha esithubeni. Nabanye babekhe bambona esebenza noMebhelina lo baza abananza nto kodwa ngoku batsho banomdla yakuthethwa nguNozililo eyithetha nje ngathi uqinisekile.

UNozililo ucinge wacinga wagqiba kwelokuba ulifumene ithuba namhlanje lokuqethula lo mzi wakwaNtsibande ukwenzela ukuba aze athi ukuba uyaphumelela, ikwazi indoda yakhe ukufumana eli xham kudala belinqwenela.

1.1.1 Xela ukuba baze kwenza ntoni eThekwini uLungile noMebhelina ngale mini ixelwe kwisicatshulwa. (1)

1.1.2 Cacisa ukuba kumfake njani engxakini uLungile ukubonwa kwakhe ehleli noMebhelina. (2)

1.1.3 (a) Caphula ibinzana kwesi sivakalisi silandelayo elithetha ukuba uNozililo wenza ngathi unento ayikhangelayo ehotele.

Uze kuzingenisa wangathi uyafunafuna nto okanye mntu uthile ngaphakathi. (1)

(b) Chaza ukuba sityhila ntoni ngesimo sikaNozililo esi senzo sokuzingenisa abe ngathi uyafunafuna. (2)

1.1.4 Khetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwizibiyeli.

Ukucingela kukaNozililo ukuba uLungile uthandana noMebhelina kuba behleli kunye ehotele kubonisa (ingcinga edlelelela iqela elithile labantu/ingcinga egweba phambi kokuba uve). (1)

1.1.5 Ingaba indoda kaNozililo yade yalifumana 'ixham' levenkile yakwaNtsibande? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.6 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nesenzo sakhe esikuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Wayedanisa noMpumelelo kwitheko likaMpumelelo eThekwini. | (i) UMaMiya<br>(ii) ULizzie |
| (b) Wathengisela uLungile ivenkile. | (iii) UMosia |
| (c) Wacebisa uNozililo ukuba amenze aphambane uMpumelelo endaweni yokumbulala. | (iv) UMpumelelo |

(3 x 1) (3)

1.1.7 Ubukho bomlinganiswa onguThamsanqa kube luncedo njani kweli bali? (2)

1.1.8 Chaza ukuba umxholwana wokunyolukela into engeyoyakho ubuchaphazele njani ubomi bukaLungile. (2)

1.1.9 Ngqina ukuba isenzo sikaNomakhwezi sokumthemba kakhulu uNozililo sibe neziphumo ezibi. (2)

**KUNYE**

1.2 **ISICATSHULWA B**

'Musa ukundingxamela SekaMalungisa. Ikho into ethi wayifumana ngomgunyathi bedibene notatomncinci uSondlo. Ngenxa yokuba uMosia wayenemali, waqhatha utatomncinci wamseza notywala kwenziwa izigqibo. Abantu abaninzi kuthiwa utatomncinci wayehamba ebaxelela ukuba uyithengisile, nanjengoko nathi sisazi loo nto.'
'Awu, kanti kunjalo?'
'Usabuza wena,' itshilo imazi.

'Ingenzeka njani, mfazi, into yokuba ivenkile ibe seyikwaNtsibande kanti ngumgunyathi?'

'Kudala ndikuxelela ukuba abanye abantu abamathanga njengawe lo. Kuba nangoku sekude kube yile nto nje wawumele ukuba unenxaxheba kule venkile ukwenzela ukuba iwele kuwe kwakuqala. Iindaba ke thina siyazifumana koomabhalana. Nangoku ukuba unokuya kuThamsanqa ufike ubize iincwadi zale venkile akasoze akunike.'

'Hi Nozililo, uqinisekile ngale nto uyithethayo? Uthetha ukuthi kanti sihleli nje siphise ngelifa lakwaMakhwetshu kula mahlwempu akwaNtsibande?'

'Kanye nqo. Yile nto ndihlala ndiyithetha yonke le mihla, uyithathe kancinci.'

'Ke siza kuyithini le nto?'

'Khawukhe uye kuThamsanqa uye kufuna iincwadi zayo. Ukuba uzifumene siza kubakho isandla sikatatomncinci. Andithi uyasazi?'

'Ndisazi kakuhle. Kaloku uyarhixiza ngenxa yelaa dumbe lakhe.'

Okwenene uyile uNtongana kuThamsanqa wafika exakekile ephethe iincwadi zevenkile.

'E, Jwarha mntakwethu, ndize ukuze undincede.'

'Ewe; ngantoni ke?'

1.2.1 Kutheni uNozililo eyimele into yokuba le venkile yakwaNtsibande ayinazincwadi? (1)

1.2.2 Xela ezi zigqibo athi uNozililo zenziwa nguMosia noSondlo. (2)

1.2.3 Nika isizathu ababesibeka abantu baseMlazi xa babekhalazela ukuthengiselwa kukaMosia noLungile le venkile. (2)

1.2.4 (a) Chonga amagama amabini alandelelanayo kwisivakalisi esingezantsi azisa ithowuni yokudikwa.

Kudala ndikuxelela ukuba abanye abantu abamathanga … (1)

(b) Yintoni le ibangela ukuba adikwe uNozililo? (1)

1.2.5 (a) Nika udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili kule ntetho kaNtongana ingezantsi.

… kanti sihleli nje **siphise** ngelifa lakwaMakhwetshu … (1)

(b) Chaza ukuba uthetha ukuthini uNtongana xa athi baphise ngelifa lakwaMakwetshu kwaNtsibande. (2)

1.2.6 Nika ulwazi olulapha kwisicatshulwa olusixelela ukuba oyena mntu uyifuna ngamandla le venkile nguNozililo. (2)

1.2.7 Xela ukuba baye benzani uNozililo noNtongana bakungazifumani ezi ncwadi kuThamsanqa. (2)

1.2.8 Cacisa indlela ibali eliyisombulule ngayo impixano ephakathi kwabakwaNtsibande nabakwaMakwetshu. Kwimpendulo yakho velela:

(a) Indlela esonjululwe ngayo. (1)

(b) Ukufaneleka okanye ukungafaneleki kwesi sisombululo. (2)
**[35]**

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 **ISICATSHULWA C**

Umfo wakwaHlobo uzibone seleyinyathela iNdende yeqegu lakhe. Akubanga kudala, waba selemisa phambi kwendlu awayibona esekude. Yayibhalwe ngokucacileyo phezu komnyango:-7B. Kulapho ke wayehlala khona uEddie esaphila.
Wafika sezilapho izixhiphothi ezibini zamapolisa. Ayebekwe kwangephezolo ukuba agcine kungabikho namnye ongenayo, kungabikho nophumayo. Uthe esihla emotweni, abe selemkhawulela, elindele eminye imiyalelo.
'Ndifuna omnye wenu andikhaphe xa ndingenayo ngaphakathi.'
Lowo ke ibengokaHlobo umyalelo, ethetha engemanga, ingqondo seyingxamele phambili. 'Omnye kuni uya kushiyeka phandle, anqande kungangeni mntu.'
Ngephanyazo nje engene uHlobo, loo ndlu ibe ngumbhodamo. Impahla iphoswe ngapha nangapha, kuphendlwa nesibi esasilapho. Wayebangatshona ngapha, abuye ze umcuphi wabantu. Kwakucacile ukuba uEddie lo wayengumntu onomdla kwizinto ezininzi. Kwakuzele apho yingqokelela yezinto ngezinto – ukusuka kwezakhayo de kuye kwimfitshimfitshi yamabhinqa.
Kuloo mgubhululo, eyaba yeyokugqibela kuHlobo yaba kukufunda nganye nganye kwisipha seencwadi ezazibhalelwe uEddie. Inkoliso yazo yayizezivela kuLinda. Uziphe ixesha umfo kaHlobo, enyamezela ukuva loo mfeketho yeendaba zomfazi obhala ethe thwanga lisoka lakhe. Wayephatha kudibana nemfitshimfitshi yobukhwele, ibe ngamasososo okungaphumeleli kwakhe edingeni labo noEddie, ibe kukubhobhoza kwakhe ngempahla entsha, ibe kukuphindaphinda ebisenzeka ngomhla othile benoEddie – yonke loo nto ixelelwa umntu oyaziyo.

2.1.1 Xela ukuba kutheni uHlobo eze kule ndlu ixelwe kwisicatshulwa. (1)

2.1.2 Cacisa ukuba ileta eyafunyanwa nguHlobo ngale mini imfake njani engxakini uLinda. (2)

2.1.3 (a) Caphula igama kwesi sivakalisi silandelayo elithetha ukuba la mapolisa ngamadoda amade anemizimba emikhulu.

Wafika sezilapho izixhiphothi ezibini zamapolisa. (1)

(b) Chaza ukuba sityhila ntoni ngesimo sikaHlobo esi senzo sokufuna ukukhatshwa ngamapolisa xa angena ngaphakathi. (2)

2.1.4 Khetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwizibiyeli.

Ukwayanyaniswa kwamabhinqa nezinto eziyimfitshimfitshi kwesi sicatshulwa kubonisa (ingcinga egweba phambi kokuba uve/ ingcinga edlelelela iqela elithile labantu). (1)

2.1.5 Ingaba ukugubhulula kukaHlobo kwaEddie kwenza ukuba abufumane ubungqina obubophelela abona babulali bakaEddie ngokwebali? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.6 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nesenzo sakhe esikuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Wayethethelela uLinda Monti kwinkundla yamatyala. | (i) UThembisa |
| (b) Wayezenza umhlobo onyanisekileyo kaEddie Maga. | (ii) UKhumalo |
| (c) Wazenza uNkosikazi Hobe. | (iii) UMdoda |
| | (iv) UBumba |

(3 x 1) (3)

2.1.7 Ubukho bomlinganiswa onguDuma Hlelo bubeluncedo njani kweli bali? (2)

2.1.8 Chaza ukuba umxholwana wobugewu ubuchaphazele njani ubomi bukaEddie Maga. (2)

2.1.9 Ngqina ukuba isenzo sikaLinda Monti sokuwathemba kakhulu amalungu ase*Moonglow Night Club* sibe neziphumo ezibi. (2)

**KUNYE**

2.2 **ISICATSHULWA D**

Kwakudlula iintsukwana, eze kum efuna icebo. Hayi mna ndibhebhethile ngelithi uyatyholwa uEddie ngoLulama lo. Ndimqondile ukuba ukholwa engakholwa bobu buxoki bam. 'Ekuhambeni kwexesha, uEddie walubonakalisa nasesidengeni uthando lwakhe kuLulama, noLinda sendiqonda ukuba ungxamele ukumncama uEddie wakhe. 'Kunokwenzeka ke ngoko ukuba ummangalelwa waqhutywa bubukhwele kwisenzo atyholwa ngaso …' Lixhume kwangoko igqwetha: 'Lamla, wena Ohloniphekileyo! Ingqina lomtshutshisi alinalungelo lakuphalaza izimvo zalo enkundleni yamatyala.'

'Ndiyangqina nam,' itshilo imantyi. Wee khwence kwangoko umtshutshisi ukuhlala phantsi, sele erhoxozelisa ukuthi, 'Andinamibuzo iyenye kwingqina lam.'

Igqwetha: 'Ummangalelwa lo uthi ungumhlobo wakho, nto kaMdoda?'

UMdoda: 'Oyena mhlobo wam yayinguEddie.'

Igqwetha: 'Ndiyabona nam. Ukuba ndiyavumeleka, ndingathi kukho ubutshaba phakathi kwakho nommangalelwa.'

Umtshutshisi, etsiba naye: 'Lamla, wena Ohloniphekileyo!'

Imantyi: 'Oku kuxwhithaxhwithana phakathi komthetheleli nomtshutshisi namangqina akuzi kusa mntu ndawo kumacala onke. Makuphele ukuphalazwa kwezimvo enkundleni.' Uqale wazilungalungisa okaKhumalo phambi kokuba aqhube ukungcambazisa okaMdoda. 'Masibuyele enkomeni, nto kaMdoda … Ukuba uEddie lo wayengumhlobo wakho omkhulu, manyathelo mani owawathabathayo wakuva ukuba ufe ngendlela engaqondakaliyo? Ndithetha ukuthi kukho nto owakha wayisa emapoliseni ukuzama ukuwanceda kuphando lwawo, ngokuthi mhlawumbi, uwachazele ngokukekela kothando lukaEddie nommangalelwa? Kaloku uEddie wayengumhlobo wakho ngokutsho kwakho.'

2.2.1 Kwakutheni ukuze uLinda afune icebo kuMdoda? (1)

2.2.2 Xela obu 'buxoki' uMdoda athi uLinda wayengabukholelwa. (2)

2.2.3 Nika isizathu sokuba eze apha enkundleni uMdoda. (2)

2.2.4 (a) Chonga igama kwesi sivakalisi silandelayo elizisa ithowuni yokuxhalaba.

Lamla, wena Ohloniphekileyo! (1)

(b) Yintoni le ibangela ukuba lixhalabe igqwetha likaLinda Monti? (1)

2.2.5 (a) Nika udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili kule ntetho kaMdoda ingezantsi.

… uEddie **walubonakalisa nasesidengeni** uthando lwakhe noLulama … (1)

(b) Chaza ukuba uthetha ukuthini uMdoda xa athi uEddie walubonakalisa nasesidengeni uthando lwakhe noLulama. (2)

2.2.6 Nika ulwazi olulapha kwisicatshulwa olusixelela ukuba uMdoda wayefuna ukuba uLinda afunyaniswe enetyala. (2)

2.2.7 Xela ukuba wakhetha ukuba lihlalelwe ngubani uLinda ityala lokubulala yakube inkundla kaMantyi imbeke ityala. (2)

2.2.8 Cacisa indlela ibali eliyisombulule ngayo impixano ephakathi komthetho nolwaphulomthetho. Kwimpendulo yakho velela:

(a) Indlela esonjululwe ngayo. (1)

(b) Ukufaneleka okanye ukungafaneleki kwesi sisombululo. (2)
**[35]**

**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2.

3.1 **ISICATSHULWA E**

Abaninzi kwabo basebenzi babeze ngokuza kunxusa bejonge ukuphox'iphango nokufumana indawo enophahla. Abanye babesiza ngokufuna ukucaphula apho kuye ukuze nabo baqwebe, suka umntu azibone sele eyolelwa abe ngowalapho. Ngaloo maxesha indoda yayikwazi ukusuka kwelakuyo izimisele, suka itsarhwe ityhafe ingekabiphi nontliziyo-ndise, ithi ngokonqena ukwamkela uloyiso ingagoduki ingaphethe nto imana inxusa. Kwaye ke yena uThandabantu wayengafuni pasi emntwini, engenayo naloo tyhefu (curfew) yakwamLungu. Naye ke wayesele ayeka ukulanda, kuba kwakusisa qho kukho ubuso obutsha inani landile. Koko wayesuka akhombe emasimini, ezinkunini okanye emithwalweni umsebenzi uhambe. Kwakuvukwa ngentlazane apho kungekho usilelayo bonke bezimisele ingulowo efuna ukubonwa ukuba uzimisele kwaye besazi ukuba baza kuthola ulutho, hayi ukuphangelela u 'Velevutha' okanye u 'Emsileni'. Kaloku uThandabantu wayefumbathisa mntu ngamnye kwelo hlokondiba labasebenzi bakhe, xa sukube bephinda indlela begoduka. Bonke babesazi bethembile ukuba baya kuxakatha okwamathokazi aye kulobola, ngeemini zePasika okanye zeKrismesi, xa begoduka.

Ingxaki yoongcothoza namatshivela yayikhe imvelele uRhadebe lo, koko engayinanzi nganto kuba yayisuke isonjululwe kwangabo iqala phakathi kwabo noxa yona ingajoliswanga kubo, kuba kaloku yayilikhaya elo kubo bezidla ngalo. Abo babesiza ngokuza kufuna ukumnyelisa bamtyhafise babesuka baphoxwe kwangabo basebenzayo.

3.1.1 Xela ukuba kwakutheni ukuze abantu bathande ukuhlala kwaThandabantu ixesha elide. (1)

3.1.2 Cacisa ukuba kumfake njani engxakini uThandabantu oku kugcina kwakhe abantu ababemana ukufika emzini wakhe. (2)

3.1.3 (a) Caphula ibinzana elibonisa ukuba abasebenzi abaninzi babehlala ngokuzigcinisa kwaThandabantu.

Abaninzi kwabo basebenzi babeze ngokuza kunxusa bejonge ukuphox'iphango. (1)

(b) Chaza ukuba sityhila ntoni ngoThandabantu isenzo sokugcina abantu emzini wakhe. (2)

3.1.4 Khetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwizibiyeli.

Olu thelekiso lwezenzo zabeLungu nezikaThandabantu lukwisicatshulwa lutyhila (ingcinga egweba phambi kokuba uve/ ingcinga ecalanye malunga nabantu abathile). (1)

3.1.5 Ingaba isenzo sikaThandabantu sokubaphatha kakuhle abasebenzi senza ukuba bahlale bethembekile kuye? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.6 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nesenzo sakhe esikuKHOLAM A.

| **KHOLAM A** | **KHOLAM B** |
|---|---|
| (a) Wabeka uMonwabisi ukuba aphathe amashishini kaThandabantu. | (i) UNobuntu |
| (b) Wayephethe uMonwabisi njengesicaka. | (ii) USamkelo |
| (c) Washiya isikolo wabalekela eBhayi. | (iii) UMamTolo |
| | (iv) UGcinumzi |

(3 x 1) (3)

3.1.7 Ubukho bomlinganiswa onguMaRhadebe bube luncedo njani kweli bali? (2)

3.1.8 Chaza ukuba umxholwana wobuntu ubuchaphazele njani ubomi bukaThandabantu. (2)

3.1.9 Ngqina ukuba isenzo sikaMamTolo sokufekethisa abantwana sibe neziphumo ezibi. (2)

**KUNYE**

3.2 **ISICATSHULWA F**

UMonwabisi ke yena wayehleli apho evenkileni kungekho nto ayenzayo nelo gcuntswana labasebenzi abaseleyo, kuba nesikolo sasimohlule. Inye into eyayibangenisela imali apho yayikukusebenzisa elo litye lokuguba, beguba umbona wabantu bezo lali zikufutshane. Imali ayifumana apho wayeyigcina kuba uThandabantu wayengayibuzi konke. Emva kwevenkile leyo kwakumi itrektara endala eyayingasahambi, yonakele. Mhlamnene yileyo wayerhuqa ngayo isikhoji uThandabantu ehambisa imithwalo ethengwe apho kwakhe, felefele. Njengomntu ophiweyo kumsebenzi wezandla uMonwabisi wayethanda ukusoloko equbude kuyo ezama ukuba iphinde ihambe. Ngethamsanqa ngenye imini yaduma, nako ke ngamabhongo amakhulu wayiqhuba ezula-zula apho evenkileni uMonwabisi. Ngaloo mali wayeyigcinile wathenga ikhuba lokulima. Wathi efika ngenye imini uThandabantu wafika ebile phezu kwetrektara uMonwabisi elima loo masimi akhe ayehamba naloo venkile. Bathi bakumbona uMonwabisi abantu benza umngcelele ukuza kumqesha ukuba abalimele awabo amasimi. Emva kweembalela eziliqela imfuyo yabo yayivuthuluke yaphela, ngoko bengawalimi loo masimi abo ngokuswela iinkabi.

Hayi ke, wayevuka ngonyezi uMonwabisi, uyive loo trektara iduma ikuvusa, sele enendima apho emasimini. Wayekhuthele ke kambe, wayelima imini yonke yehlobo selenomnqwazi wakhe omkhulu wokuzikhusela kwelo langa lehlobo lingenanceba.

3.2.1 Kwakutheni ukuze baphele sebeligcuntswana abasebenzi bakwaThandabantu? (1)

3.2.2 Xela ukuba kwathini ukuze abonwe njengomntu owahlulwa sisikolo uMonwabisi. (2)

3.2.3 Nika isizathu sokuba uMonwabisi abe ushiyeke naba basebenzi. (2)

3.2.4 (a) Chonga igama elizisa ithowuni yenkumbulo kwesi sivakalisi silandelayo.

Mhlamnene yileyo wayerhuqa ngayo isikhoji uThandabantu ehambisa imithwalo … (1)

(b) Yintoni le ibangela ukuba ukuhanjiselwa kwabantu imithwalo ngetrektari kubeyinto esele iyinkumbulo? (1)

3.2.5 (a) Nika udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili kule nkcazelo ilandelayo.

… wayelima imini yonke yehlobo selenomnqwazi wakhe omkhulu wokuzikhusela kwelo langa lehlobo **lingenanceba**. (1)

(b) Chaza ukuba kuthethwa ukuthini xa kuthwa uMonwabisi wayesebenza kwilanga lehlobo elingenanceba. (2)


WESTERN CAPE

3.2.6 Nika ulwazi olulapha kwisicatshulwa olusixelela ukuba yayisele inguMonwabisi owenza yonke into, uThandabantu yena engasahoyanga nto. (2)

3.2.7 Xela isigqibo esathathwa nguThandabantu akubona ukuba amashishini akhe ayatshona. (2)

3.2.8 Cacisa indlela ibali eliyisombulule ngayo impixano yangaphakathi awayenayo uThandabantu. Kwimpendulo yakho velela:

(a) Indlela esonjululwe ngayo le mpixano ngokwasebalini. (1)

(b) Ukufaneleka okanye ukungafaneleki kwesi sisombululo. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* nguDM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

### UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2.

4.1 **ISICATSHULWA G**

| | |
|---|---|
| MAZIKO: | Ndicinga ukuba Chief, uDicksie akaqondi kakuhle. |
| LONI: | Asiyoyam leyo indima yeyekomiti. Kwanele ngoku. Ukuba akarhoxi kwesi sithuba sakhe andikhwelele, ndazi mhlophe ukuba unomasinana ukholwa ngamanz' ashushu. |
| NDILA: | Ndirhoxe? |
| LONI: | Ngowakho lowo umqa awufuni mna. |
| NDILA: | Awu! Wenzani na *Chief*? Kutheni le nto ngathi akuyondoda. |
| LONI: | Ukuze ndibe yindoda kufuneka ndibe ngumkakho? |
| NDILA: | Hiawu! Madoda kulula ukucikoza nixel' intengu xa ningekarhawulwa ngumlilo. |
| LONI: | Kuya kuthi ukuze kulunge side sirhawulwe nathi? |
| NDILA: | Hayi noko zinkosi zam bendingazi ukuba kanti senikumhlaba wokunukiselana ngamakhwapha – ukuba kunjalo ke ndicela uxolo *Chief*. Umnatha undibambile. |
| LONI: | Umnatha uqhinwe watshixwa nguwe, kwaye isekwanguwe nomgcini sitshixo. Okokokuba bendingahlonelanga usapho lwakho, esi sihlalo sakho kwesi sikolo ngekudala sahlum' ingca. |
| NDILA: | Nicengwa njani na bafondini, nicengwa ngantoni? Nazi mhlophe ukuba kudala ndizama ukwahlukana nesi sithembu samanz' akrakra. Ubunzima bam baziwa nini kuba nani kudala nizama ukuzilumla ebungedleni – amawele lawo antanganye, intokunayo eli lenu iwele alinabundlobongela neziqhamo zalo azivuthwa okwethangazana, *but the end is the same*. |
| LONI: | *Be that so*, xa ububona ubungozi behashe unani ungehli nje kulo lingekakuwisi. |
| MAZIKO: | Seseempuku zodladla nezolwalwa. |
| LONI: | Madoda, hambani niye kufundisa abantwana babodwa kakade. |
| NDILA: | *Chief*, akukandiphenduli ke be … |
| LONI: | *Gentlemen, go to your classes. That is an order.* |

4.1.1 Xela ukuba kutheni kukho le ngxoxo e-ofisini kaLoni. (1)

4.1.2 Cacisa ukuba imfake njani engxakini uLoni le ngxoxo. (2)

4.1.3 (a) Caphula igama elibonisa ukuba uLoni ufuna ukuba uNdila emke eNobutho.

Ukuba akarhoxi kwesi sithuba sakhe andikhwelele, … (1)

(b) Chaza ukuba kutyhila ntoni ngesimo sikaLoni ukuvuma ukulukuhleka kwakhe ngokugxotha uNdila eNobutho. (2)

4.1.4 Khetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwizibiyeli.

Ukwayanyaniswa kwamadoda nokuquma izenzo ezingamkelekanga ngokwakwesi sicatshulwa kubonisa (ingcinga edlelelela iqela elithile labantu/ingcinga ebethelelekileyo ngodidi oluthile lwabantu). (1)

4.1.5 Ingaba ukugxothwa kukaNdila eNobutho kubangele ukuba unyuke umgangatho wesikolo? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.6 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nesenzo sakhe esikuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Wacebisa uThandiwe ukuba angayeki ithathwe indoda yakhe. | (i) URay |
| | (ii) UNaniwe |
| (b) Wayehlala kwaFuneka. | (iii) UZanele |
| (c) Wathethisa uMawonga ngokungaluhoyi usapho lwakhe. | (iv) UMaziko |

(3 x 1) (3)

4.1.7 Ubukho bomlinganiswa onguJerry bubeluncedo njani kulo mdlalo? (2)

4.1.8 Chaza ukuba umxholwana wamayelenqe ubuchaphazele njani ubomi bukaNdila. (2)

4.1.9 Ngqina ukuba isenzo sikaZanele sokumthemba kakhulu uFuneka sibe neziphumo ezibi. (2)

**KUNYE**

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

| | |
|---|---|
| DILIZA: | Awu! Mfundisi! |
| MAWONGA: | Ukhuza ntoni kwedini? |
| DILIZA: | Andikhuzi mfundisi ngekuba ndithi ufika sesenjenje *(atsho aphakamise umngxu oseluzekevile)*. Bamba mfundisi *(emnika eyakhe iglasi)*. |
| MAWONGA: | Kuthe kanti ningamadoda, boys *(atsho eyithabatha. Ibe yimigudu ukusa emlonyeni isandla sityityimba).* |
| VUMA: | Ungangxami mfundisi hleze iphalale. |
| HOMBAKAZI: | O! Guga sithebe. Yingwe le ekuhlohleni. |
| MAWONGA: | Asina ededelana kweli gada. |
| NZIMA: | Kodwa Loni unxila kakubi wena ngathi akufundanga khawenze nawe kudala usela obu bethu utywala. |
| DILIZA: | Mfowethu, Wenna! ungagabadeli, yititshala yakho le uthetha nayo ngolu hlobo. |
| NZIMA: | Suka akutitshwa ngoku, sisela utywala singamadoda sonke. |
| MAWONGA: | Alright boys, Thulethu, sapha ihafu. |
| THULETHU: | Unotshe! Iphi imali? Akubhatali wena. |
| MAWONGA: | Ndinayo imali. |
| THULETHU: | Ina ethe kuqala usandibamba imali yestreyiti nangoku. |
| MAWONGA: | Eli lizwe limi ngemboleko mntanam. Ukuphila ngeenkozo yinto yabantu abasele bephumelele. |
| THULETHU: | Imali kuqala ubuciko abuzi kunceda nto. |
| MAWONGA: | Enkosi *(ethabatha ihafu).* Kuselwe kwada kwasebusuku. Uphume apho uMawonga wonda ngendlu kaFuneka. |
| MAWONGA: | Nkqonkqo! Nkqo! *(Cwaka)* Zanele, Zanele! *(Cwaka)* Zanele vula! Nkqonkqo! Nkqo! *(Cwaka)* Tywalakahla – wahla wophula ifestile. |
| ZANELE: | Yintoni ebusuku apha? |
| MAWONGA: | Vula uza-ku-ndiva. Vula, vu-u-ula. |
| ZANELE: | Kudala ndakuxelela ukuba funa ndawo yimbi. |
| MAWONGA: | *What*? Uqhele ukubancuva, ubancuve ubalahle. Vula *(abethe ucango ngamandla).* |
| ZANELE: | Uyakomela apho. |
| FUNEKA: | Mawonga, uhlawula irente apha? Siza kungalali ngenxa yakho? Uyaqala ukwaliwa? |

4.2.1 Kutheni kunzima kuMawonga ukusa iglasi emlonyeni? (1)

4.2.2 Xela ukuba kwathini ukuze uLoni abengumntu osela utywala. (2)

4.2.3 Nika isizathu sokwaliwa kukaMawonga nguZanele. (2)

4.2.4 (a) Chonga igama kwesi sivakalisi silandelayo elizisa ithowuni yokudelela.

Suka akutitshwa ngoku, sisela utywala singamadoda sonke. (1)

(b) Yintoni le ibangela ukuba uNzima amdele uLoni? (1)

4.2.5 (a) Nika udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili kule ntetho kaFuneka ingezantsi.

**Uyakomela apho.** (1)

(b) Chaza ukuba uthetha ukuthini uFuneka xa athi uMawonga uyakomela apho. (2)

4.2.6 Nika ulwazi olulapha kwisicatshulwa olusixelela ukuba uMawonga ebesele engazixabisanga. (2)

4.2.7 Xela isenzo esenziwa nguMawonga akungavulelwa nguZanele. (2)

4.2.8 Cacisa indlela ibali eliyisombulule ngayo impixano ephakathi kukaMawonga noNdila. Kwimpendulo yakho velela:

(a) Indlela esonjululwe ngayo le mpixano ngokwasebalini. (1)

(b) Ukufaneleka okanye ukungafaneleki kwesi sisombululo. (2)
**[35]**


WESTERN CAPE

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA*– M Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 **ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| NOYONGO: | Hhe wethu khanitsho bafazi, nahamba njani eCala? |
| NOMHASE: | Hayi ntombi iyakhula idolophu. Loo nto uyanyakazela umsebenzi. Ndibambise zinje *(Ebabonisa isithathu seminwe)*. Sipha kwakhona kule mpelaveki izayo. |
| NOYONGO: | Wena Kukza? Kutheni wee cwaka ntombi, kwenze njani? |
| KUKU: | Hayi wethu, akufani. Noko kuyazameka. Khawutsho, wahamba njani wena nalaa mntwana? |
| NOYONGO: | Hey, wafika umntwana yagevezela amadolo indoda, yaphatha iyeka ntanga. Kwaphantse kwachitheka izishebo nkazana. |
| NOMHASE: | Kowu! Ndiyamazi angathi abenjalo utyhefekile. |
| KUKU: | Watyhefeka kudala kaloku lowa. Eso singcoli eso. |
| NOMHASE: | Ngahle sele emfunela kuye njengokuba sekuchitheka izishebo nje. |
| NOYONGO: | Uthi ngahle umfuna egageni kakade. Ndaqonda ukuba andizokumyeka okwam, ndayifuna apha imali yamafutha kwangoko. |
| NOMHASE: | Aah! Akuthambise izandla mfazi. |
| NOYONGO: | Ndiyakuxelela! Uthe esenza obuya bumene-mene bakhe, endanga ndamtyhilizela kude kum. Yhini le! Ndidinga indoda kakade? Ndize kuphangela mna apha andizanga kudlala. |
| BONKE: | *(Hahahahaha ... hahahahaha! ...)* |
| NOYONGO: | Uthi umfuna apha laa mntwana ngomso. Ndiqinisekile niyayazi bafazi nonke into eza kulandela. Sonke sisuka pha. |
| KUKU: | Kowu! Lilonyo-lonyo lelwabi lendoda eliya. Kodwa! Useza kumhlabela u-elandincamisayo ngenye imini. |
| NOMHASE: | Kowu! Uza kumxhaphaza umntwana womntu. Emyobe ngalaa tyhefu yakhe. |
| NOYONGO: | Yinyoka yantlandlolo leya ndiyakuxelela. |

5.1.1 Xela ukuba kutheni uNomhase eye eCala. (1)

5.1.2 Cacisa ukuba kumfake njani engxakini uNyoka oku kusebenzisana kwakhe naba bafazi bathetha kwesi sicatshulwa. (2)

5.1.3 (a) Caphula igama elibonisa ukuba uNyoka unezenzo ezibi.

Eso singcoli eso. (1)

(b) Chaza ukuba zityhila ntoni ngesimo sikaNyoka izenzo zakhe ezibi. (2)

5.1.4 Khetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwizibiyeli.

Ukwayanyaniswa kwamadoda nesenzo sokuxhaphaza amabhinqa kubonisa (ingcinga edlelelela iqela elithile labantu/ingcinga ebethelelekileyo ngodidi oluthile lwabantu). (1)

5.1.5 Ingaba uNyoka wade walihlabela elandincamisayo ngokutsho kukaKuku? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.1.6 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nesenzo sakhe esikuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Wathethisa uDina ethunywa ngabazali babo. | (i) UNoyongo |
| (b) Wabamba uNoyongo ngeenjongo zokumjika abelingqina lomthetho. | (ii) UZanoxolo |
| (c) Wasayinisa uDina isivumelwano sengqesho. | (iii) UGxalaba |
| | (iv) UNyoka |

(3 x 1) (3)

5.1.7 Ubukho bomlinganiswa onguGxalaba kubeluncedo njani kulo mdlalo? (2)

5.1.8 Chaza ukuba umxholwana wokunyolukela imali ubuchaphazele njani ubomi bukaNoyongo. (2)

5.1.9 Ngqina ukuba isenzo sikaDina sokumthemba kakhulu uNoyongo sibe neziphumo ezibi. (2)

**KUNYE**

5.2 **ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| KUKU: | Ewe mntwan' am ndandikhona ukugxothwa kwakho nguNyoka, edibene neliya menemenekazi lesikhohlakali singuNoyongo. Nam andizange ndihlale thuba lide kwaThambolenyoka emva koko. |
| DINA: | Wenzani phi kanti wena ngoku Sis' Kukza? |
| KUKU: | Eyi mntwan' am, bunzima ubomi. Ndaba yithawutha ngoku ezibhasini. |
| DINA: | Yintoni na leyo Sis' Kukza? |
| KUKU: | Kaloku sisi emva kokuba kugxothwe wena kwaNyoka akuzange kuphinde kube kuhle phakathi kwam noNoyongo. Endichukusha yaye endimangalela nakuNyoka esithi mna ndigxuphuleka ezintweni ezikude kunam. |
| DINA: | Kowu! Sisi. |
| KUKU: | Wangenelela noNyoka endithuka ngobuvila endinukuneza endibiza ngayo yonke into le ingento. Esithi ndilizukuva lenqenerha elilibele kukuhlala phezu kwesinqe salo endaweni yokusebenza. |
| DINA: | Yini na kodwa Sis' Kukza. |
| KUKU: | Hayi sana andizange ndikwazi ukuzibamba, ndathatha ibhotile eyayiphezu kwetafile ndamtsibela. Ndamtsho entloko yophukela kuye. Ndathi xa ndiza kumphinda ngaloo bhotile yophukileyo, kwathi kanti sekukhawuleze kwangena isetyhurithi yakhe, yandibamba yandikhuphela ngaphandle. |
| DINA: | Washiyeka esithini yena uThambo lenyoka? |
| KUKU: | Uza kuthini ngantoni? Unenkenkebula yenxeba nangoku endamshiya nalo, eliqala phezu kwebunzi lihle linqamleze iliso lasekhohlo liphele apha phezu kombombo. Ndandifuna ukumbhongqoza ukhakhayi kakuhle laa mini. |
| DINA: | Yankulu le nto uyibalisayo. Akuzange kubanjwe ngoku emva koko? |
| KUKU: | Hayi mntwan' am. UNyoka akazange ayokundibambisa. Endazivayo zithi akazange afune ukuyisa emapoliseni le nto yokwenzakala kwakhe, kuba esoyikela … |

5.2.1 Kwakutheni ukuze uDina agxothwe kwaThambolenyoka? (1)

5.2.2 Xela okwenza ukuba uKuku athi uNoyongo sisikhohlakali. (2)

5.2.3 Nika into eyenze ukuba uNoyongo ambone njengomntu ogxuphulekayo uKuku. (2)

5.2.4 (a) Chonga ibinzana kwesi sivakalisi silandelayo elizisa ithowuni yovelwano.

Yini na kodwa Sis' Kukza. (1)

(b) Yintoni le ibangela ukuba uDina amvele uKuku kwimeko akuyo? (1)


WESTERN CAPE

5.2.5 (a) Nika udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili kule ntetho kaKuku ingezantsi.

**Unenkenkebula yenxeba** nangoku endamshiya nalo, … (1)

(b) Chaza ukuba uthetha ukuthini uKuku xa athi uNyoka unenkenkebula yenxeba. (2)

5.2.6 Nika ulwazi olulapha kwisicatshulwa olusixelela ukuba ubudlelwane bukaNyoka noKuku bebusele bonakele. (2)

5.2.7 Xela isigqibo esathathwa nguKuku esanceda ekubanjweni kukaNyoka. (2)

5.2.8 Cacisa indlela ibali eliyisombulule ngayo impixano ephakathi kukaDina noThambolenyoka. Kwimpendulo yakho velela:

(a) Indlela esonjululwe ngayo le mpixano ngokwasebalini. (1)

(b) Ukufaneleka okanye ukungafaneleki kwesi sisombululo. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'Umhlahlo ngamehlo' nguLL Ngewu
- 'Itutu laseTikitiki' nguLL Ngewu

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

### UMBUZO 6

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2

### 'UMHLAHLO NGAMEHLO' – LL Ngewu

6.1 **ISICATSHULWA K**

Uchazile uNompoxeko ukuba ngorhatya lomhla weshumi elinesihlanu waya eholweni kukhuphiswano loonobuhle. Uyishiyile iholo leyo malunga nentsimbi yeshumi ebusuku waqaphela ukuba ulandelwa ngummangalelwa. Kwalile sele eyishiye kanobom iholo leyo, wagxanya ummangalelwa, wada waza kufika kuye. Akukho lizwi alithethileyo ummangalelwa akufika koko bajijisene wada woselwa ngummangalelwa lowo. Koko kujijisana kwada kwaqhaqheka kanobom umbhinqo awayewunxibile. UNompoxeko uyinike le ngxelo weva kuthe ngco entliziyweni yakhe.

Kwesi sithuba umtshutshisi uye kwitafilana ebinempahlana efonyoziweyo wasiphakamisa esi sibheshu ebuza ukuba ngaba siso na eso. Uvumile uNompoxeko.

Umtshutshisi ubuzile ukuba le ntwazana imke eholweni esi sibheshu sinomhlaba na koko omnye uphendule ngelithi sihlangene nomhlaba ngenxa yokujijisana nommangalelwa. Uphinde wabuza umtshutshisi ukuba ummangali lo uqinisekile na ukuba esi senzo simanyumnyezi senziwa ngummangalelwa na. Uphendule uNompoxeko ngelithi ngobo busuku ummangalelwa wayefake ipensile emva kwendlebe. Loo pensile yaba yinto abambelela kuyo. Umtshutshisi uphindele kwakwitafilana ebinempahla wayithatha le pensile wayiphakamisela phezulu ukuba ibonwe ngulowo ebechophele eli tyala.

Uqhubile uNompoxeko echaza ukuba emva kokuthotywa isidima sakhe sobuntombi nokuhlutywa ngokulihlazo ngummangalelwa lo wagoduka waya kubika kokwabo. Abazali bakhe bamqononondisile ukuba akhe awazile amanzi ngobo busuku. Ngengomso unina umse kwagqirha ...

6.1.1 Xela ukuba kutheni uNonkanyezi eye kwinkundla yamatyala ngale mini yetyala likaNompoxeko. (1)

6.1.2 Cacisa ukuba kumfake njani engxakini uZolani ukudlwengula kwakhe uNonkanyezi. (2)

6.1.3 (a) Caphula igama kwisivakalisi esingezantsi elibonisa ukuba woyiswa uNompoxeko nguZolani.

… akufika koko bajijisene wada woselwa ngummangalelwa lowo. (1)

(b) Chaza ukuba sityhilwe njani isimo sikaZolani ngokwakwesi sicatshulwa. (2)

6.1.4 Khetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwizibiyeli.

Ukwayanyaniswa kwesinxibo esifutshane samabhinqa nesenzo sokudlwengulwa kubonisa (ingcinga edlelelela iqela elithile labantu/ ukuqal' ugwebe). (1)

6.1.5 Ingaba ubungqina obubekwe nguNompoxeko bumbophelele ngokwaneleyo uZolani? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.1.6 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nesenzo esikuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Wayedlwengula amantombazana. | (i) UNonkanyezi |
| (b) Waya kumboniso woonobuhle enxibe isibheshu. | (ii) UZolani |
| (c) Wazilwela kwakho ubungqina bokuba uZolani wayezama ukumdlwengula. | (iii) UNompoxeko |
| | (iv) UTshayizule |

(3 x 1) (3)

6.1.7 Ubukho bomlinganiswa onguNompoxeko kubeluncedo njani kweli bali? (2)

6.1.8 Chaza ukuba umxholwana wolwaphulo mthetho ubuchaphazele njani ubomi bukaNompoxeko. (2)

6.1.9 Ngqina ukuba ukuzithemba kakhulu kukaZolani ngokwaphula umthetho kube neziphumo ezibi. (2)

**KUNYE**

**'ITUTU LASETIKITIKI' – LL Ngewu**

6.2 **ISICATSHULWA L**

Nakuba le titshalakazi ibinamava eminyaka emithathu ingumhlohli imunce iintupha isithi ixolel'ukumil'ingca emqolo kunokuba ibe izamana nokuqokelela umntwana osimilo siqaqadekileyo. Iguqukele kwinqununu yathi, 'Mhlekazi, ndixolele ukuya kuxobula amakhasi ombona ekhaya eXabane endaweni yokuxambulisana nenkwenkwe engenasimilo.' Ithethe oku ititshalakazi yatsho yathi khwitshi ishiya esi sibini sithe ca izisini.

UMdesalini uyibone iyinkinge emthumeni into yonyana wakhe yaye uqonde mhlophe ukuba ititshalakazi ayifuni negqabi letapile ukuba ingaphinde ibe nanto yakwenza noThobile. Ugqibe kwelokuba endaweni yokutyibela amakhambi kwinqununu yesikolo kungcono amkhuphe unyana wakhe kwesi sikolo ebekucaca ukuba unyana wakhe ungumalahlwa nofele kuso. Indoda enkulu ithambekele kwisikolo sakuCingco apho icelele khona unyana wayo indawo yokufunda.

Wamkelwe uThobile kuCingco nakuba unyaka ubusel'uthambekile nje. Ufike nakwesi sikolo watshatshela kwizifundo zakhe yaye wahlukana nomkhuba wokusoloko edlalisa abantwana ngexesha lokufunda kuba uyise ebemtyityimbisele umnwe kulo mbandela. Apha kuCingco uThobile akanelanga nje ukubagqwesa abanye abafundi ezifundweni, koko ubeyintshatsheli nakubusela. Ubengabonani nemali nokuba yekabanina. Endaweni yokungayibi imali ebexolele ukujinga iliso.

Bekuthi emin'emaqanda bakhululwe abafundi ukuba bakhe babethwe ngumoya baye kuzihlaziya phandle, nakuba ke abanye babo bebebuya begcwel'umhlaba entloko. UThobile ubethi qu nje kancinci phandle, abuye ...

6.2.1 Kutheni kunzima kule titshalakazi ukwamkela uThobile eklasini yayo? (1)

6.2.2 Xela ukuba kwakutheni ukuze uMdesalini andwendwele inqununu yesikolo. (2)

6.2.3 Nika isizathu sokuba uThobile agqwese kwizifundo zakhe kwisikolo sakuCingco. (2)

6.2.4 (a) Chonga amagama amabini alandelelanayo kwesi sivakalisi singezantsi azisa ithowuni yokuphoxisa.

... uThobile akanelanga nje ukubagqwesa abanye abafundi ezifundweni, koko ubeyintshatsheli nakubusela. (1)

(b) Yintoni le ibangela ukuba ivakale njengempoxo le ntetho ingentla? (1)

6.2.5 (a) Nika udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili kule ntetho.

Endaweni yokungayibi imali ebexolele **ukujinga iliso**. (1)

(b) Chaza ukuba esi safobe sityhila ntoni ngesimo sikaThobile. (2)

6.2.6 Nika ulwazi olulapha kwisicatshulwa olusixelela ukuba uThobile wayengadlali xesha lide phandle. (2)

6.2.7 Xela isigqibo esathathwa nguMdesalini akugxothwa uThobile eCwele. (2)

6.2.8 Cacisa indlela ibali eliyisombulule ngayo impixano ephakathi kwezenzo zikaThobile nemithetho yentlalo. Kwimpendulo yakho velela:

(a) Indlela esonjululwe ngayo le mpixano ngokwasebalini. (1)

(b) Ukufaneleka okanye ukungafaneleki kwesi sisombululo. (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- 'Konakele Phi Na Mz'ontsundu?' nguT Yawa
- 'Indoda yokwenene' nguKN Manciya

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule mihobe uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuyo yomiBINi imibongo oyifundileyo, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2

7.1

**KONAKELE PHI NA MZ'ONTSUNDU? – T Yawa**

Kazi yimbudumbudu ni na le iqhubekayo kweli loMzantsi?
Nkanyamba ni na le itshayela ilizwe lethu?
Kunamhlanje nje uMzantsi Afrika **uyalila**;
Besiba ngokuzalwa koMzantsi Afrika omtsha
Izinto ziza kutshintsha zibentsha.
Kuthe kanti asibhungisanga, uMtyholi uthi, ng'ong'o.
Kuphalala igazi mihla le, zizijwili nje;
Ubuntu kule mihla bumke nezandawana;
Mihla le ziindaba ezixhomis'amehlo
Koomabonakude noonomathotholo.
Kazi liphi na ikamva leli loMzantsi?
Ilizwe liyahlininika ziziganeko zentswela-bulungisa;
Imibutho yezopolitiko ijongene ngezikhondo zamehlo;
Inene ingqubana okweenkunzi zeegusha epalamente.
Kazi luzimele phi na uxolo olwalutyalwe nguMadiba?
Ukuphangwa kodederhu lweevenkile kuthath'unyawo;
Abathengi bangena izibilini ziphezulu evenkileni;
Wofika bechwechwa okweekati zichwechwela iimpuku.
Sii! Hayi malindini ndiyakuqalekisa;

7.1.1 Xela ukuba iqhubeka phi le mbudumbudu kuthethwa ngayo kumqolo woku-1. (1)

7.1.2 (a) Nika udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-3. (1)

(b) Siphuhlisa ntoni esi safobe ngoMzantsi Afrika? (2)

7.1.3 Chonga igama kumqolo wesi-4 elisixelela ukuba akwenzekanga oko bebecinga ukuba kuza kwenzeka abantu. (1)

7.1.4 Bhala kwakhona le miqolo ilandelayo uze ukrwelele imvano siphelo ekhoyo.

'Besiba ngokuzalwa koMzantsi Afrika omtsha
Izinto ziza kutshintsha zibentsha.' (1)

7.1.5 Khankanya izinto eziNTATHU ngokwemiqolo 7–10 ezenza ukuba kuthiwe alukabikho utshintsho kuMzantsi Afrika omtsha. (3)

7.1.6 Tolika okuqulethwe ngumqolo we-15. (2)

7.1.7 Ifuna sikhumbule ntoni imbongi xa isebenzisa umbuzo buciko okumqolo we-15? (2)

7.1.8 Thelekisa isakhiwo sangaphandle somqolo we-16 nowe-17. (2)

7.1.9 Xela ukuba lo mbongo ubhalelwe oobani. (1)

7.1.10 Nika injongo yokubhalwa kwalo mbongo. (2)

**KUNYE**

7.2

**INDODA YOKWENENE' – KN Manciya**

Indoda yokwenene yezindilel'umzi **wayo**,
Le nt'indoda ngumthandi wesizwe **sayo**.
Le nt'indoda ngumhloniphi wesiqu **sayo**.
Indoda yokwenene ihlonel'usapho **lwayo**,
De iqwele ukuthand'umfazi **wayo**,
Yenz'imihlol'ukuhlonel'inkosi **yayo**,
Ithand'isizwe nezalaman'eziyigcinayo.
Intl'indod'eyinkokel'ekhokel'usapho l**wayo**.
Indoda yingcongolo phezu kweziziba zezwe **layo**.
Ezimanz'anzongonzongo iinzonzobila zezwe **layo**.
Ayijwed'indoda sel'ingxang'engxangxasini,
Igcin'isidima owenen'umngeni lusapho **lwakhe**.
Eyenene mwethu akulopholopho lamlatshulatshu.
Eyokwenene ayinguy'uBhabhezilokhweni, ingcathu.

7.2.1 Xela uphawu lwendoda yokwenene ngokomqolo woku-1. (1)

7.2.2 Ibinzana 'Le nt'indoda' elikumqolo wesi-2 nowesi-3 lisetyenziselwe (ukukhathaza/ukugxeka/ukuncoma). (1)

7.2.3 (a) Bhala ibinzana 'De iqwele' ngamanye amagama ukuze kucace intsingiselo yalo. (1)

(b) Xela ukuba liphuhlisa ntoni eli binzana liku-a. (2)

7.2.4 Nika izinto zibeMBINI ezihlonelwa yile ndoda kuthethwa ngayo kulo mbongo. (2)

7.2.5 Tshatisa umqolo okuKHOLAM B nesenzo esikuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Ukuxabisa izizalwane nesizwe | (i) Umqolo wesi-8 |
| (b) Okungamelanga kwenziwa yindoda yokwenene | (ii) Umqolo wesi-3 |
| | (iii) Umqolo we-11 |
| (c) Ubunkokeli nokubayintloko yekhaya | (iv) Umqolo wesi-7 |

(3 x 1) (3)

7.2.6 Xela isixhobo sesandi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo we-10. (1)

7.2.7 Nika injongo yokuziphindaphinda izimnini ezibhalwe ngqindilili kulo mbongo. (2)

7.2.8 Kukuthini ukubayingcongolo phezu kweziziba zelizwe? (2)

7.2.9 Uyavumelana okanye akuvumelani noluvo lwembongi olukumqolo we-11? Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE 70**


WESTERN CAPE